VAKALISA ULUVO LWAKHO

Umthetho wokuQwalaselwa ngokutsha kokuBonelelwa nguRhulumente ngemali iMibutho eMelweyo yezoPolitiko, onguNombl 103 wowe-1997

Isimemo esifuna iZimvo

Ubonelelo ngemali ngurhulumente kwimibutho yezopolitiko emelwe kwindlu yowiso-mthetho yesizwe nezamaphondo lunikezelwa ngokoMthetho wokuQwalaselwa ngokutsha kokuBonelelwa nguRhulumente ngemali iMibutho eMelweyo yezoPolitiko, onguNombl 103 wowe-1997

Ngomhla we-6 kuCanzibe 2017 iNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe igqibe ekubeni:

- **umsebenzi obonakalayo wemibutho yezopolitiko ubalulekile ekukhuthazeni ulawulo lwentando yesininzi lomgaqo-siseko eMzantsi Afrika, ngokukodwa xa lo mibutho iye yanawo amandla okumela uluntu; nokuba**
- **imibutho yezopolitiko kufuneka ibonelelwe ngokwaneleyo imali ukuze yenze imisebenzi yayo ze kuphuhliswe ulawulo lwentando yesininzi, nento yokuba lo mba kunye nengcaciso zizinto ezibalulekileyo kumba wokudala ukuzithemba korhulumente kwinkqubo yezopolitiko.**

Ngokubhekiselele kulo mba ungentla, iNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe imisele iKomiti yeXeshana engoBonelelo ngeMali imiButho yezoPolitiko ukuba iphande malunga nobonelelo ngemali lwemibutho yezopolitiko emelwe kwindlu yowiso-mthetho yesizwe nakwezo zamaphondo eMzantsi Afrika. Ukuza kuthi ga ngoku, le Komiti kufuneka iqwalasele indlela karhulumente neyabucala yokubonelelwa ngemali kwemibutho yezopolitiko. Ukongeza koku, ingqwalasela iza kujoliswa kumnqweno neendlela ezinokuba khona zokugunyazisa ubonelelo ngemali lwabucala kuzo zonke iindlela zako (kubandakanywa amaqumrhu otyalo-mali angawemibutho yezopolitiko). Kwakhona le Komiti isenokuhlengahlengisa ulawulo olukhoyo.

Le Komiti imema uluntu ukuba luze kuvakalisa izimvo ngendlela uMthetho wokuQwalaselwa ngokutsha kokuBonelelwa nguRhulumente ngemali iMibutho eMelweyo yezoPolitiko, onguNombl 103 wowe-1997 ongagxininiswa ngayo ukuze uvumele ingcaciso emandla ngendlela ebonelelwa ngayo ngezimali imibutho yezopolitiko ukuze kuqinisekiswe ukusebenza kwayo ngokukuko.
Eyona nto itsala umdla kakhulu yindlela olwenzeka ngayo ubonelelo ngemali lukarhulumente nolwabucala kwimibutho yezopolitiko, umnqweno kunye neendlela ezinokwenzeka zokugunyazisa zonke iindlela zobonelelo ngemali lwabucala kunye namaqumrhu otyalo-mali emibutho yezopolitiko.

Iziphakamiso ezibhaliweyo — kubandakanywa nokubonakalisa umdla wokwenza intetho ngomlomo kwiindibano zovakaliso-zimvo zoluntu ziza kwenziwa kweyeThupha — kufuneka zifike kwiKomiti ingabethanga intsimbi ye-10h00 ngowama-21 kweyeKhala 2017. IKomiti inelungelo lokugunyazisa ukuba ngowuphi na umbutho/umntu oza kwenza intetho ngomlomo.

UMthetho wokuQwalaselwa ngokutsha kokuBonelelwa nguRhulumente ngemali iMibutho eMelweyo yezoPolitiko, onguNombl 103 wowe-1997 kunye nemiqathango yawo uyafumaneka ku-www.parliament.gov.za kwakhona ungawucela kuNobhala weKomiti (inkcukacha nazi ngezantsi).

Imibuzo kunye neziphakamiso ezibhaliweyo kufuneka zibhekiswe kuCindy Balie, Committee Secretary: ad hoc Committee on the Funding of Political Parties, 3rd Floor, 90 Plein Street, Cape Town 8000, okanye cbalie@parliament.gov.za, okanye zifekselwe ku-: 086 665 5444. Usenako ukuqhagamshelana neKomiti ku-021 403 3667 okanye 083 709 8444.

Sikhutshwe nguSihlalo weKomiti yeXeshana engoBonelelo ngeMali kwiMibutho yezoPolitiko, uMnu VG Smith, iLungu lePalamente.